S.E. Rune Mqayi: *Umteteli wa Bantu* (26 November 1932), pages 5-6

**I Jubulu ka Dr. Rubusana**

Kwintlanganiso yaba Fundisi base Rabe (Union Church) ebihlangene ngo October lo e Mgungundhlovu, e Natala, kubeko nenteto yokokuba u Rev. W.B. Rubusana Ph.D. ongumfundisi wama Rabe, e Monti, uwagqibile amashumi amahlanu eminyaka engumfundisi. Ekute ke ngoko kwamhlope ukuba makenzelwe i Jubulu; oko kukuti kuvuyiswane naye, kuk'unjulwe imihla yake kuwo lowo msebenzi we Lizwi kubongwe u Tixo wake ote wamgcina kumakandilili, namasilantsi, namabonandenzile elipakade.

I Ramente yomfundisi lowo iyak'umbula ukuba kanene u Dr. Rubusana lo ayizange imbandeze esizweni, yasoloko imkulule ukuba asikonze isizwe engabotshwe mlomo, kwizinto zentlalo yasemakaya, kwezemfundo, kwezombuso, kude kuye kweze Lizwi, - engajongene nahlelo lase Rabe kupela. Ngako oko i Ramente leyo igqibe ekubeni ezo nkonzo ze Jubulu maziqutywe kumnyaka ozayo, ngo March, kwiveki yokugqibela (March 1933). Yenzela ke ukuze nopi nopi awuve lomsebenzi, enze isipo sake, nomnikelo wake, ukuba intliziyo yake ite yamqubela kwelocala. Um-Fundisi ongumBhali walama Bandla ase Rabe, - u Rev. Mr.Johnson, wase Johannesburg selelungele ukuzisasaza izaziso zoku kuwo onke ama Bandla ase Rabe, ukuze kungabiko uva ngomnye. KubaFundisi beli Bandla lo ngowokuqala ukuxhoma ade aye kuba kwesesi tuba; nakwabamhlope bate banqaba kakulu ababe netuba elingako ebufundisini; kute e Mgungundhlovu apo entlanganisweni akwafumaneka nomnye osele kwelotuba.

Umfundisi Walter Benson Rubusana, ogama limbi kutiwa ngu Mpilo, waqala ukulibona ilanga e Mnandi (White Fish River) kwisiqingata sase Somaseti (Somerset East), ngomnyaka we 1858. Uyisemkulu, u Mbonjana lelinye lama kolwa ka Kristu okuqala ema Xoseni; ebengumkokeli we Bandla kwa Nyakanya kwisiqingata sase Bofolo. Uyise u Rubusana weza naye e Ncemera (Peelton) ngexesha lokufuduka kwemi Dange ye Nqabaza emva ko Nongqause.

U Mpilo uqale ukungena esikolweni seleyinkwenkwe eminyaka ili 16, wangena apo e Ncemerha ngexesha lomfundisi[1] u R. Birt (u Baliti); ibe yimfundo ekauleze isimanga kuba ungene ko "a" ngonyaka we 1874; kute kungatangani watunyelwa e Lovedale, apo enze umsebenzi omhle wemfundo nokuzipata, yaye imfundo yake ixhaswa li Pesheya. Incwadi

[1] lomfundi

yase Lovedale eyi “Lovedale Past and Present” iteta kakuhle kakulu ngalondodana. Kwisituba seminyako esib’ozo, oko kukuti ngowe 1882, wanikwa ngabafundisi belo Hlelo i Layisenisi yobushumayeli be Lizwi, waza waba yititshala kwase Peelton apo iminyaka elishumi, - ubuziva pi izigede zemfundo ebantwaneni? Oko intsapo yase Ncemerha yabaninzi isimanga kuzo zonke isinala; kwaye nase Peelton apo bebaninzi abantwana bezinye indawo, abasasilele imfundo kuletitshala isimanga. Bebeko aba bebesakungenela imviwo zika Rulumente bazipumelele bengemkanga e Ncemerha, - leyo ke iseyiinihla yemfundo ebhadlileyo ka Sir Langham Dale. Ngomnyaka we 1884 ngo March, wabekwa izandla ukuba abengumfundisi ozeleyo. Wancedisana noyise lowo u Birt kwade kwayimini yokufa kuka Baliti lowo ngomnyaka we 1892; wafa emshiya esik’undleni sake e Peelton apo. Ngalomihla umoya wokuba umfundisi ontsundu angene endlwini, nakwi ramente yomhlope wawungekavatwa, yaza ke impi yakowabo yamtyalela ngapandle. Kukuze ngowe 1895 umnyaka afudukele e Monti, apo wayesel’ enebandla alisekileyo apo. Umzi wase Monti oko wawuse mncinane, ilokishi nayo isengapesheya; ufike u Mpilo wacela, waqala le lokishi kutiwa ngoku yi East Bank Location ise sisinga eso oko, - wamisa indlwana yenkonzo wavula isikolo kwakuyo, waka owake umzi, lo asekuwo nangoku. Kwangaso esosituba uvule amapandle (outstations) aliqela, e West Bank, Kwelerha, Mooi Plaats, Macleantown, singateti nge Gladstone ne Donnington, kuba zona weza selenazo kwase kuzeni e Monti, ezifumana’ lomfundi zihlutwa nezo indawo. Wawuqala njalo umsebenzi oqinileyo e Monti (East London) osa-q’ubayo nanamhla.

Unina ka Dr. Rubusana yintombi ka Zuzani wakwa Ngwenya, umGqwashekazi; yena u Gqira lowo watshata nentokazi ka Nzanzana umZimakazi, intokazi ebidume yacanda ilizwe ngemfundo yayo, nemisebenzi yayo emihle; ngoku ke utshate nentokazi ka Kashe.

Sitsho ke siti uyigqibiie iminyaka ema 50 ebufundisini u Rev. W.B. Rubusana; ngoku ke impi yakowabo ilungiselela i Jubulu yake emfaneleyo. Ukuba u Mhleli lo uyavuma siyakumana ukuwuvakalisela umzi omninzi ozizihlobo zake, ukuze umane ukuva apo kukona; asijonge Hlelo, nabala, nabuzwe; kuba ebengasebenzi lucalulo u Dr. Rubusana kwa ngemini zobutsha bake kude kube kusasanje.